



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Steve Vukile Tshwete Education Complex • Zone 6 Zwelitsha 5608 • Private Bag X0032 • Bhisho 5605
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

CHIEF DIRECTORATE – CURRICULUM MANAGEMENT

INKQUBO YOKUNCEDISA ABAFUNDI BEBANGA LE-12

ISIXHOBO SOKUFUNDA ESILUNGISELELWE UHLAZIYO NOKUNCEDISA: IIMPENDULO

ISIFUNDO: ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – ISIGABA SESIBINI

EYESILIMELA 2009

ESI SIXHOBO SINAMAPHEPHA ALI-17.

ESI SIXHOBO MASINGASETYENZISWA NJENGOVIWO

ICANDELO A: IZIBONGO NEMIBONGO

VUKANI MADODANA KUSILE-IZIBONGO NAMANQAKWANA:
Ingqokelela yababhali

IZIBONGO NEMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI

PF2 GH 2.2
UMBUZO 1

Umfundi angaqamela kwezi ngongoma

- Nkedama ezaziwa ngokubhonga: Kuboniswa abantu abathi xa bebonga bange bayabhonga kuba bathetha ngokuzixhela.
- Nzala yamagqirha ngokunuka: Imbongi ibonisa umnombo wobuggirha ngendlela ethi ibonge ngayo kuba isuka ibe ngathi ngusiyazi ukwazi izinto eziziimfihlelo.
- Luhlobo lwamanxila ngokuthuka: Ngenxa yesigama esirhabaxa esisebenzisayo xa ibonga iyathuka kuba ivumelekile ukusebenzisa isigama esinjalo.
- Ziphoxo zenkundla ukubhoxa. Kuba imbongi isuswa luvakalelo lwayo ngaloo mzuzu isuke idanduluke nanini na nokuba bekukho ucwangco.
- Zazi zeembalo ukuprofitesha: Ithi yakubonga inge ithetha izinto ezaziyo ukuba ziza kwenzeka.
- Makholwa endalo ukubhedesha: ngenxa yendlela ezbonga ngazo zibonisa umoya wobukristu othi ube nefuthe kakhlulu kubaphulaphuli.
- Zingxangxasi iingcamango zenu: Zithi xa zibonga zinge ziyathulula kuba izimvo zazo ziza ziyimvula zithi ndimamele.
- Ndiphuma nani ngokutola: Ngenxa yendlela ezbonga ngayo zinga zihlabu umhlola oboniswa kokwaa kuthulula kwayo izimvo kanye njeneggirha.
- Xholovane benkundla ukuxoxa: Umbhali uzoba abantu abangazeyiyo xa bebonga, iincutshe eziphume izandla ukukwazi ukukhetha amagama.
- Bavuseleli abatyala ubuzwe: Zithi zakubonga iimbongi zidale ihlombe kubaphulaphuli elibangela ukuba sizingce ngobuzwe bethu.

[10]

OKANYE

UMBUZO 2

PF2 GH 2.7

- 2.1 Sisikweko. Sinika umfanekiso-ntelekelelo wedama lamanzi elingazange latsha noba sele kubalele kangakanani na khon'ukuze abantu bafumane ukuphila. (2)

PF2 GH 2.2

- 2.2 Kukuncedana (1)
PF2 GH 2.6, 2.10
- 2.3 Kubantu baseMzantsi Afrika kuba kuthethwa ngababhali abanjengooTiyo Soga nabanye. (2)

- PF2 GH 2.1
- 2.4 Imfundo sisikrweqe sokugxoth'indlala
Ulwaz'oluphangaleleyo luza nophuhliso.
Uchum'umhlaba kuhluthwe, kuteywe. (1)
Khetha NAWUPHI na umqolo
- PF2 GH 2.1
- 2.5 2.5.3/Ukubhala ngenjongo yokwakha isizwe. (1)
- PF2 GH 2.6, 2.1
- 2.6 Ngamaqhawe/amathandazwe afayo esilwela inkululeko yeli lizwe. (1)
- PF2 GH 2.3
- 2.7 Yinyani (1)
- PF2 GH 2.1
- 2.8 2.8.2/Ukuvuselela ubuthandazwe emntwini. (1)
[10]

OKANYE

UMBUZO 3

PF2 GH 2.7

- 3.1 Uzoba umfanekiso ngqondweni weliso ube ngathi ubona ukufa okungapheliyo okugubungele lonke ilizwe. (1)
- PF2 GH 2.2
- 3.2 Lusetyenziselwe ukugxinisa nokubonisa okokuba ukufa kugcwele kulo lonke eli, kwaye kushiya abantu besezintsizini, akupheli. (1)
- PF2 GH 2.1
- 3.3 'Lemb'igqir'iingcambu zathi shwaka, Yayikhul'incwina egumbini. (1)
- PF2 GH 1.6
- 3.4 Umemezela inzwi / uhoyo (1)
- PF2 GH 2.7
- 3.5 Sisimntwiso (1)
- PF2 GH 2.5
- 3.6 Ingqondo ayiphumlanga kukucinga, ithatha ibeka. (1)
- PF2 GH 2.2
- 3.7 Uluvo lokuba namagqirha azenzile iinzame ngemithi yade yaba iyaphela kodwa kusazingile kona ukufa. (1)
- PF2 GH 3.1
- 3.8 Izalamane/Abantu begazi/bekhaya (1)
- PF2 GH 2.5
- 3.9 Ithetha ngokufa nokungalawuleki kwako, akuva chiza. (2)

OKANYE

UMBUZO 4

PF2 GH 2.1

4.1.1 2

PF2 GH 2.10

4.1.2 4

PF2 GH 2.10

4.1.3 3 (3)

PF2 GH 2.10

4.2 Yi-Eleji. Ngumbongo onentuthuzelo, ongokufa (2)

PF2 GH 2.10

4.3 Usebenzise unobumba omkhulu kuMbambushe. (1)

PF2 GH 2.10

4.4 Liduna. Kuthiwe Ndun'enkulu yakuloNtlushe. (2)

PF2 GH 2.1

4.5 Imvano-siphelo eyenziwa lilungu. (1)

PF2 GH 2.1

4.6 4.6.2/Unikwe amagunya awongeziweyo. (1)
[10]

IMIBONGO ENGAFUNDWANGA KLASINI
PF2 GH4.3.2; 2.2.7; 2.2.1

UMBUZO 5

Bona ukuthambekela ecaleni elinye.
Abeke isizathu sakhe sokutsho ukusebenzisa (persuasive language) ulwimi olujija ingqondo okanye oluqweqwedisayo
Achonge amabinzana angqina oku alicacise intsingiselo yelo binza
Uza kuchonga la mabinzana alandelayo:

- ❖ Yithenge ungathengisi ngayo
- ❖ Yigcine nangomgwebo
- Isakhiwo sestanza**
- ❖ Ubunzima ohlangana nabo xa uyisebenzisa
- ❖ Akuxelele indlela enceda ngayo
- ❖ Akunike umyalelo ongqongqo
- ❖ Akuggiba akunike ingcebiso malunga neengxaki

Uthi sele enikezele kuwe iintambo ukuba uzikhetheli aphinde azithatheli kuye iintambo akunike laa myalelo wakhe ungqongqo.

KUNGENJALO

Umfundi uza kukhetha imiqolo eqweqwedisayo kuphela ayicazulule ngenjongo yokubonakalisa oku kuthambekela calanye.

Iziyaleli azisebenzisayo

Yithenge, yambathe, Sela, — Ezi zizinto othi wakuzenza ufumane ukwaneliseka, ukufudumala njalo njalo.

Usebenzisa izoyikiso

Engcwaben, umgwebo-xa efuna ukusenza siyisebenzise ukhetha ezi meko aziyo ukuba siyazoyika athi isinceda kuzo.

Izakhono zolwimi (10)

1. Ifomathi-isincoko esiyingxoxo/xoxayo(argumentative)
 - Ukubeka umbono
 - Awuxhase
 - Acaphule imizekelo yokuzixhasa ebalini.
 - Angabalisi tu
2. isakhiwo-intshayebole, isiqu, nesiphelo
Umhlathi ovulayo: Ubeka umbono wakhe
Isiqu senziwe ngolu hlolo.
Isizathu 1: asixhase ngobungqina nemizekelo ecacisa intsingiselo
yebinza alicaphule njengomzekelo.
Isizathu 2: asixhase ngobungqina nemizekelo ecacisa intsingiselo
yebinza alicaphule njengomzekelo. Njalo njalo
3. makaqoqe ingxoxo ngendlela eyiyo.
4. Makabhale kwixesha langoku
5. isimbo sokubhala masibe sesisesakhe

6. irejista nejelo libe lelamkelekileyo
7. upelo, izivakalisi ziphelele, zisetyenziswe ngobuchule, imihlathi yakhiwe ngobunono
8. imihlathi mayilandelelane, inamatelane, yakhelane

OKANYE

UMBUZO 6

PF2 GH 2.1

- 6.1 Ulala, uvuka, xhoba ngayo (1)

PF2 GH 2.1

- 6.2 Ikhulul'amakhamandela kuvaliwe.
Ikuweza engcwabenzi uxakiwe
Ingumthetheli woluntu.
(Nasiphina isibini) (2)

PF2 GH 2.9

- 6.3 Othi sele uyibambile uphinde uylahle. (1)

PF2 GH 2.8

- 6.4 Kukukhuthaza abantu ukuba bahlale enyanisweni nangona zikho izinto ezikufaka engxakini wakuyisebenzisa. Omnye umfundsi angathi kukulumkisa abantu abangathandi kusebenzisa nyaniso (1)

PF2 GH 2.10

- 6.5 Umfundsi unokuyibona inyaniso ilungile OMNYE angayibona njengento ekufaka enkathazweni kodwa makazixhase (umfundsi obeke uluvo olungaxhaswanga akafumanu nqaku). (1)

PF2 GH 2.10

- 6.6 Ndingenaiso nje yinyaniso. (1)

PF2 GH 2.7

- 6.7 Ngumbuso buciko, usetyenziselwe ukunika uluvo lokuba siyazilahlekisa ngokungahlali enyanisweni, nto leyo ingumnqa. (2)

PF2 GH 2.1

- 6.8 6.8.1/Ikomishoni yeNyaniso noxolelwani (1)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A:

30

ICANDELO: B INOVELI

Nyana wam! Nyana wam!: W.K. Tamsanqa
PF2GH 2.1; 2.10

UMBUZO 7

umongo	15	izakhono	10
<ul style="list-style-type: none"> ➤ Umhlathi wokuqala kulindelwe ukuba uvelisa iinkukacha ngaye- igama, iminyaka, indawo yokuzalwa nezinto azithandayo ➤ Owesibini imfundu yakhe ➤ Eminye yenziwe ngokwezihloko ezithathethele kwisibhengezo esiya somsebenzi. ➤ Xa umfundu ekholelwa ukuba ukulungele ukuya eGeorge Goch kufuneka avelise isakhono sokucaphula kwimisebenzi kaMangaliso eyinyani ngokwasebalini angazakheli ezakhe. ➤ Makabonakalise ukumazi ngokungathandabuzekiyo uMangaliso 		<ol style="list-style-type: none"> 1. Ifomathi- isivi ekwimo yomhlathi <ul style="list-style-type: none"> ➤ Ukubeka umbono ➤ Awuxhase ➤ Acaphule imizekelo yokuzixhasa ebalini. ➤ Angabalisi tu 2. isakhiwo- intshayelelo, isiqu, nesiphelo 3. Makaqoqe ingxoxo ngendlela eyiyo. 4. Makabhale kwixesha langoku 5. isimbo sokubhala masibe sesisesakhe 6. irejista nejelo libe lelamkelekileyo 7. upelo, izivakalisi ziphelele, zisetyenziswe ngobuchule, imihlathi yakhiwe ngobunono 8. imihlathi mayilandelane, inamatelane, yakhelane 	

lingongoma anokunyathela kuzo

- Izifundo azifumene ngokuziphatha kakubi, ukuziyekela athathelwe iziggibo ngabanye abantu
- Amava weDebating Society
- Ukuba ngummeli wabafundi kwisikolo sakhe
- Iimbasa azifumeneyo
- Ukushumayela kwakhe kwiinkonzo amana ukumenywa kuzo
- Ukwamkela kwakhe ubufundisi
- Ukuya kwakhe eNgilane
- Ukuphiwa kwakhe isidanga sePHD.
- Nezinye eziyinyani ngaye

OKANYE

UMBUZO 8

UMHLOMLO 1

PF2 GH 2.1; 2.10

- 8.1 Bubuchule bokukwazi ukuxoxa nokubonisa ulwazi oluphangaleleyo.
Impendulo yomfundi ebonisa ukuzimisela iyakwamkeleka. (2)

PF2 GH 2.10; 2.1

- 8.2 Bubuzwe nonqulo (2)

PF2 GH 2.1

- 8.3 Ube ngundaba mlonyeni. Wafumana nesipho semali esingamakhulu
amahlanu eeponti. (2)

PF2 GH 2.1

- 8.4 Zezombuso nezenkolo (2)

PF2 GH 2.10

- 8.5 Impendulo yomfundi iyamkeleka. Kula maxesha ezobugqi lelona khondo
unokulilindela. Ukanti ke angabuthatha nobufundisi azixhase. (2)

PF2 GH 2.10

- 8.6 Unokuseka ingxowa mali ejongene neemeko ezilolu hlobo apha abahlali
baya kuba negalelo kuyo. (2)
(12)

UMHLOMLO 2

PF2 GH 2.1; 2.8

- 8.7 Wabubona ubugqirha njengento yokuziphilisa./wayezama indlela
yokugxotha indlala. Wayefuna indawo yokuhlala apha anokuzifumana
ekhuselekile. (2)

PF2 GH 4.2.1

- 8.8 Uyakwazi ukutshintshatshintsha ngokweemeko. Umz: uzibhaqa ekwilizwe
lakwabhadakazi apha azibona engazi ukuba uya kutya ntoni, alale phi de
wacinga icebo lokuzenza igqirha khona ukuze akwazi ukuphila. (3)

PF2 GH 2.1

- 8.9 Yimali ekhutshelwa ukuhlawula igqirha. (1)

PF2 GH 4.1

- 8.10 Kukusonjululwa kwendaba. UThole uzibona eyifumana imali yokuba
akwazi ukuphila. (2)

PF2 GH 2.8

- 8.11 Ufuna sicinge ngokunganyaniseki kwamaggirha. Ewe/Hayi. Azixhase ngempendulo evakalayo. (3)

PF2 GH 2.10

- 8.12 Yicawe eyatsala uMangaliso. Sisibhadlalala semvuselelo yombulelo. (2)
(13)

[25]

OKANYE

Ukhozi olumaphiko: N Saule

UMBUZO 9

PF2 GH2.2.1; 2.2.10;2.2.5

UKHOZI OLUMAPHIKO: Saule N

- Umlinganiswa oyintloko kweli bali uMfazwe ubanziwe kuba ebandakanya ka kubhukuqo lombuso/kuvukelo lombuso.
- Esentolongweni njalo uva ukubethwa komntu ovalelwego ngamapolisa de loo mntu abhubhe kanti liqhawe lomzabalazo lelokishi le asuka kuyo uMfazwe.
- La mazwi athethwa emngcwabeni weli qhawe uthi akuva azixelete okokuba akasayi kubuya ngamva, uza kulwela inkululeko yabantu nabantwana bendawo yakhe, abanye babo abathe bafa befela ekuzabalazeni.
- Esinye sezizathu kukutshiswa kwendlu yakowabo, kuba etyholwa ngokuba ungungcotha wabelungu.
- Naylo le into imenza aqine afune ukulwa ababonise abantu ukuba akanguye ungcotha koko uyatyholwa.
- Uva isithonga sesiqhushumbisi sepetiloli ekwamfundisi ekucaca okokuba bekuze kuhlaselwa yena. Uyaleqisa xa ezibona zibaleka iimoto.
- Ufumana abantu bebulelwe kule moto kude kufuphi nomzi ohlala ipolisa elinguFriday elilwa nabantu abangabavukeli mbuso abanjengaye kanye(uMfazwe/umbalisi)
- Umfundisi ubona igazi ezihangwini zikaMfazwe uyamcebisa ukuba awele imida kuba esengozini yokubanjwa abe nokubulawa.
- Amalungiselelo okuwela enziwa ngumfundisi. Umnika imoto yakhe emyalela okokuba uya kudibana nenkosi enguZamlandela eMhlabiso.
- Emzini wenkosi ubona imifanekiso yamaqhawe ezopolitiko awafela emzabalazweni nazo zonke iingxelo ezakha zaphuma emaphepheni ezinxulumene nomntu omnyama. lintetho ngeentetho zamagorha ayengoyiki ukumgqogqa iindlebe uRhulumente zazilapho.
- Ubona nomfanekiso wakhe eyimbaleki ephula irekhodi yomhlaba kumgama wekhulu leemitha webhola yombhoxo obalaseleyo.

- Umfanekiso weqela lekhrikethi elapho naye, esamkela indebe emva kokuphumelela ukhuphiswano lwendebe lwamaphondo eli owawubanjelwe emonti. Le mifanekiso imcingise nzulu esengumfundu eYunivesithi efunda nzima emana ukufikelwa ezinzulwini zobusuku ngamapolisa, eze kuggogqa igumbi lakhe kaloku wayedla ngokuzibandakanya kuthethathethwano nabo basemagunyeni eyunivesithi emele abafundi kwizikhala zo abanazo.
- Umfo adibene naye apha emzini wenkosi yinkosana uMzolisi omxelele ukuba kufuneka kuqala arhatyuliswe ngamakakulindele phambi kokuba aye kufika kule ndawo aya kuyo, yiyo ke le nto amnike imvulophu ezele ziziqwenga zeentetho ngeentetho zamgorha ayengoyiki ukumgqogqa iindlebe uRhulumte ezaziphuma emaphepheni.
- Umchazela imbali yomzabalazo ukususela oko kwathi kwafika umlungu.
- UMzolisi umberisa iindawo ezimbini amakakhetho kuzo eyona ndawo anokuthi aye kuyo.
- Ukhetha ukuya kwelaBathwa, aye kungenela umbutho womzabalazo iNtsimb'ebomvu. UMzolisi umxelele ukuba lugqatso lokuqala ekungelula nakancinci ukuluphumelela ngenxa yezabatha eziluqilima zamaBhulu uthi amxhobise ngamaze akwenze njengoko ehamba, umnike nomnqwazi/ ibotyo azakumane eyithwala ayothule emva kwemizuzu eli-15.

[25]

UMBUZO 10

PF2 GH 2.2.10

- 10.1 Le nja ivela xa uMfazwe esengozini maxa wambi ithi ilwe notshaba olo iphinde ithi shwaka. (2)

PF2 GH 2.1

- 10.2 UMfazwe usendleleni eya eMgazi usuka aphi ebekhe wathi vu khona.
- Kolu hambo uphathiswa umpu wokuzikhusela kuba adibane nawo kunye nezilwanyana.
 - Kanye kolu hambo udibana nokwenzakala ngenxa yokudutyulwa.
 - Uthi akuba edutyulwe aphelelwe ngamandla angakwazi kuhamba.
 - Umkhondo wendawo akuyo ufunyanwa ngale nja ngokuthi ikhokelele abantu kuyo. (5)

PF2 GH 2.6

- 10.3 Yinkolo YakwaNtu. Mandulo phaya kanti nangeli xesha inji xa uyiphophile imele iminyanya kwelo phupha (2)

PF2GH 3.1

- 10.4 Ingumkhuseli nomsindisi wakhe (1)

PF2 GH 2.7

- 10.5 Zisetyenziselwe ukubonakalisa ukufika kwesithethi sesibini esingengombalisi. (1)

PF2 GH 2.10

- 10.6 Usebenzisa umntu wokuqala xa ebalisa “Ndandisithi ndakuthi andazani nanja, andincome ukukholhlakala nokungabi nambulelo”. Nezinye eziya kufakelwa ngumfundu. (3)

PF2GH 4.4

- 10.7 Ngumxholwana wenkolo yakwaNtu. Ukusetyenziswa kwezinja eziyimiqondiso. (2)

PF2 GH 4.2

- 10.8 Lulwimi olusetyenziswayo lwasemzabalazweni. (1)

PF2 GH 2.1

- 10.9 Usebenze njengomphixanisi oyimpimpi. Umfundu azixhase (2)

PF2 GH 2.1

- 10.10 Ufile (1)

PF2 GH 1.7

- 10.11 10.11.1 A
10.11.2 B (2)

PF2 GH 2.7

- 10.12 Sisikweko (1)

PF2 GH 2.1

- 10.13 UFriday wayesebenzisana namabhulu kule njongo yabo yokubulala abantu babafihle. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: **25**

[9]

ICANDELO C: IDRAMA

UMBUZO 11

PF2 GH2:6

Utitshala uyakusebenzisa isixhobo sokukorekisha umbuzo omde encediswa yimemorandam.

Isizwe samaXhosa sisizwe apha ebekholose ngolawulo lweenkosi. Siyeva apha ekuvulweni kwebali incoko phakathi kwenkosi uMaqoma kunye namaphakathi ayo, uNeku noNxokwana.

Olo lawulo lweenkosi luye luphelelwa ngokufika kwabamhlophe, abathe baluthathela kubo. Bakuqale oku ngokucela izakhiwo zeenkonzo kwimihlaba yezi nkosi, kwaba njalo kukuphelelwa kwsidima sokulandelwa kwemisitho yasebukhosini, abantu bakhlosa ngenkonzo.

Ezi nkosi zithi zisuswe nakwimihlaba yazo, enembali. Le mihlaba ithi inikwe amafama abamhlophe. USoga iphakathi elikhulu likaNgqika, likhankanya impilo emaxongo kwinkosi yakhe uNgqika, ebangwe kukususwa kwakhe kumhlaba wakhe kwaNonjoli, mhlaba lowo ube utyebile unengca eninzi ngenxa yeemvula ezazixhaphakile apho.

Isizwe samaXhosa sisizwe apha ebekhomekeke ekulimeni nasekufuyeni. limfazwe zomhlaba phakathi kwabelungu namaXhosa zadala ukuba amaXhosa aphulukane nemihlaba yabo. UMaqoma uthi asuswe kumhlaba ebemi kuwo phambi koyise uNgqika, emva kokubulawa komkhwe wakhe uBawana, athathelwe nemfuyo yakhe.

Amasiko nezithethe ibiyinto ebekholose ngayo isizwe esintsundu, oku sikuphawula xa kusendiselwana zezi nkosi, uMaqoma noBawana lo. Intombi le yendayo ithi ihlolwe ngamaxhego ngokuthi ajonge amabele ukuba asemi nkqo na. Kuthi kusilwe neendywala.

Abefundisi abamhlophe bafike bakunyevulela oku, baphelisa iziyunguma, imiphanda, amadini, ukuqatywa kwembola nokunxiba izikhumba neentsimbi. Oku sikuva kwincoko phakathi koTyhali umntakwabo Maqoma noLutshaba omnye wobukhosи bamahlubi la endisela intombi yawo kuMaqoma. Kanti nabafazi bathi baxambulisane, begxeka abafazi abaza emsithweni bengaqbanga. UMamCirha utyholwa ngokusilela ekulandeleni amasiko.

Le nkolo yobukristu ingene kakhulu apha kumakhosikazi yade yadala uqhekeko lweentsapho zabantsundu. Yiva incoko phakathi koBawana noMaqoma. Uthi uBawana abantu bangena ngabafazi xa bagqiba umzi, babawexule iingqondo ezi. UMntlane uphela eyigxotha inkosikazi yakhe uMamcethe ozinikele kakhulu kule nkolo yobukristu, ude waphiwa negama elinguMary.

Isithembu ibiyeyona nto kutshilwa ngayo ziinkosi namadoda nje akwantu. Oku sikuva kwincoko yabafazi egxeka uMamCirha ongasasiliyo, osilelwa sisithembu, kanti nalo mtshato kaMaqoma, utshata esinye isithembu. Esi senzo sigxekwe kakhulu ngabefundisi belizwi, bade batsho kuzo ezi nkosi, umzekelo: UHogu uthi abafazi bezi nkosi balala iinyembezi zinqumleze imibombo ngenxa yeenkathazo zesiThembu.

Ihiba linyala nesikizi ukubulawa kweNkosi ngamaphakathi ayo. Kaloku iNkosi ikhuselwa ngala maphakathi. Yiva incoko kaSoga iphakathi elikhulu likaNqgika noNku. Uthi uNku ubomi benkosi yabo busezandleni zabo, ude afune ukuqonda njengokuba igula nje inkosi benze nzame zini bona bengamaphakathi?

Abefundisi abamhlophe bathe bafaka umoya wokungahlonitshwa kwenkosi. Bathe bayo kuqobongela uNku, inkosi ingekho, bacela isiza sokwakha, babe bembonisa ukubaluleka nemfuneko yobukho benkonzo kuloo ndawo. Ngalo lonke elo xesha aba befundisi baphelekwe ngamajoni, athe anika uNku umpu wokuzikhuela nehashe, ngalo lonke elo xesha bambonisa ubungozi bokusoloko eshiya yinkosi imbeke esichengeni sokulawula, ibe yona iphala apha esithuben, ishiya amaphakathi ixesha elide. Naye ke uNku wangenwa ngumoya, wokuyivukela inkosi ayibulale kuba ezibona ekufanele ukuphatha. Uthi ayibulale inkosi yakhe ngeenjongo zokufuna ukuphatha. Uyayilalela ivela emsithweni. Ekunye nala majoni abamhlophe, bayayibulala. Ngelishwa naye uthi abulawe libutho likaMaqoma, elithe laleqisa.

Amagqirha ngabantu ebekuxhonyekwe kubo. Izinto xa zingahambi kakuhle ngakwicala lenkosi leyo nakakade, nokuhlala jikelele, bekubalekwa kuye kuqondwa umonakalo nempazamo eggirheni ukuba ilele ndawoni na. Loo nto siyiva xa uSoga ebika impilo enkenenkene yenkosi uNgqika.

UMaqoma noNku baye bafuna ukuqonda ukuba bakhe bayo na eggirheni ukuya kuqonda. Bakubuza oku bemadolw'anzima kuba ngoku kuphawuleka okokuba namagqirha sele engenwe yile nkolo yobukristu ngoko bawabiza amaxoki, uthi uSoga, la madlagusha noko akakazigqibi zonke iimboni zeze lakowabo, ngoko ke bayisile inkosi eggirheni elibaxelele ngomhlola okwabaphantsi. Inkolo yobukrestu eze nabelungu iwanyelise iwanyemba loo magqirha imisa iNkosi uYesu Krestu engumfeli nomvukeli wabantu.

[25]

OKANYE

UMBUZO 12

PF2 GH2.2.1

12.1 Kukulahlekwa nguToli ekubeni elahlekelwe yimpahla yakhe yokurhweba. (2)

PF2 GH2.3.1

12.2 Uba nomsindo kakhulu kuba uRufus engaboni nto inyulu ayenzileyo ngokubetha uToli kuba elikhoboka de aye kumrhola apho abalekele khona kwinkosi ngokwayo. (2)

PF2 GH 2.3.1; 2.2.7

12.3 Kukophula umthetho uwuthathela ezandleni zakho. (2)

PF2 GH2.2.1; 2.1.7

12.4 “Bayawazi umthetho khona, banawo?” “bakha abahedeni nemirhangqolo yanomthetho” Kukujongelwa phantsi kweenkosi zamaXhosa ngabamhlophe. (2)

PF2 GH2.1.7

12.5 12.5.2/ Ukuzifihla endaweni ethile ukuze ungabi nakubonwa. (1)

PF2 GH2.2.1.6

12.6 12.6.1/Uyadliwa (1)

PF2 GH2.2.5

12.7 Indelelo nokujongela phantsi, iinkosi zamaXhosa. (2)

12.8 Ukujiya kwezinto. (2)

12.9 PF2 GH2.2.10
Uyonwaba/uyachulumanca kuba uthi zizinto azifunayo ezi kwesi sizwe impucuko nokuxhobisa isizwe. (2)

PF2 GH2.3.1

12.10 Impendulo esemxholweni iya kwamkeleka. Angathi masiyimamele kakuhle into ethethwa ngumntu kuthi siyetyise, kungathi kanti umntu uneenjongo ezizezinye ezifihlakeleyo kuloo nto ayithethayo. (2)

12.11 Lithetha umpu. (1)

PF2 GH2.2.1

12.12 UQuka oliphakathi lenkosi uBawana ebesele eneenjongo zokubhukuqa inkosi aluthathele kuye ulawulo, kumncedile ukufika kwale ntonga ibetha into ikude, ukuhlasela inkosi ayibulale. (2)

PF2 GH4.2.2

12.13 Aboniswa engabantu abaphixanisayo. Badala ubutshaba phakathi kweenkosi namaphakathi ngokuthi balalele inkosi ingabikho, baze kuba iingqondo zamaphakathi ukuze akholelwwe kubo. (2)

PF2 GH2.4.4

12.14 Impendulo iya kuxhomekeka kumfundi.

(2)

[25]

OKANYE

Amaza: Z.S. Qangule

PF2 GH2.4.3

UMBUZO 13

ISENZEKO/ISEHLO	ISIZATHU SOKUHLA/UNOBANGELA	
Ukwendiswa kukaNamhla esendiselwa kuSidima angamfuniyo efuna uLizo	Isiko lokubonela	Abazali bahlulelene ngale nyewe
UNamhla uhiveza ukuba uayazi into yomntwana kaSidima noZodwa.	Ngumntwana kaZodwa neleta Ukungabikho kothando olufunekayo lomtshato	Ileta nefoto ebubungqina ebhalwe nguZodwa.
ULizo uthuka agxothe uZodwa endlini yakhe	Ngenxa kaXelile ongunya kaSidima-Zodwa	
UZodwa udutyulwa nguLizo eRhawutini	Ubaleka nemali kaLizo (eBhayi aye eRhawutini) aye kutshona eRhawutini-KuSidima (Duma) ahlangane noZodwa wesibini waseBhayi	
UZodwa noSidima babalekela eSwazini	Babaleka ukuba ngamangqina	
Kungcwatywa uSidima ezingqondweni(Duma)	Akavulwanga ngenxa (isiko)yokwenzakala kakubi entloko eliwele likaDuma.	
	Isiko lokusetyenziswa kwamangcwaba	
ULizo, UNamhla, uZodwa noSidima bahlangana emangcwabeni	USilumko ophanda ityala uzenze igqirha wabanika imiyalelo eyahlukeneyo ebadibania bonke emangcwabeni ngaxeshanye	
UMalimakhwe noNamhla bayahlangana – bayamanyana kwakhona		

OKANYE

UMBUZO 14

PF2 GH2.4.11

14.1 Asazisa ngento eqhubekayo okanye intshukumo emayenziwe ngumlinganiswa lowo-imiyalelo yaseqongeni.

(1)

- PF2 GH2.1
 14.2 Anyanzelisa isiko lokungenwa ngomnye wabantakwabo myeni wakhe kuba umyeni kukholeleka ukuba ubhubhile (1)
- PF2 GH2.1
 14.3 Ngumazala kaNamhla ongunina kaSidima (1)
- PF2 GH4.12
 14.4 Masiyichithachithe imisinga Kungokuba bobabini babonelwe (ilingu eling “si” lilo elibamanyayo) (2)
- PF2 GH4.10
 14.5 Ububhovu bhovu bukaTatakho
 Nqwa nobuntshovuntshovu bukabawo
 Ndinovalo ubawo uzenza umvalo (3)
- PF2 GH3.1
 14.6 Ewe ngokwenene awunalizwi. Kuba UNamhla uzibona esendiswa ngebhaxa kwisoka angalifuniyo (3)
 [11]
- PF2 GH4.1
 14.7 Sincede ekubeni kube nokubulawa omnye ukuze uSidima noZodwa baqhubekeke nothando Iwabo bengaziwa mntu (2)
- 14.8 Woyika eli sikizi aza kulenza abe enyanzelwa yimeko (1)
- PF2 GH2.1
 14.9 Ugxothiwe nguLizo kuba efumanise okokuba umntwana asingowakhe (1)
- PF2 GH2.5
 14.10 Ewe/Hayi (azixhase ngokufanelekileyo) (2)
 [6]

PF2 GH4.10

14.11 NguLizo umlinganiswa oyintloko

- Abachasi bakhe ngabazali bakhe nabakaNamhla.
- Uyindoda nto leyo iliwonga kwaNtu.
- Unobushushu bothando obumbangela agile imikhuba.
- Akajiki ekubeni akamthandi uZodwa engajiki nasekumthandeni uNamhla nangona sele esemzini.
- Ekuqaleni kwebali uvela ethukwa nguyise kaNamhla ngenxa yokumhokamhokana noNamhla oza kwendiswa. Ibalu liphela ebanjwa ngokubulala
- Ukulwele ukuthanda uNamhla de wabulala.
- Uyazisola ngokubulala ngelixa afunda izifundo zebhayibhile ngomngcwabo. Ezixhokonxa isazela sakhe. Uyabanjwa angabi sawufumana naloo mtshato ebewuncwasile

(8)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: **25**

AMANQAKU EWONKE: **80**